URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Patience Nobanele Funani**
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
Nobanele.Funani@westerncape.gov.za | 021 467 2243

Isalathiso: 3/3/2/4/4/1
Inombolo yefayili: 20230912- 8032

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0012/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNqununu

**ISihloko: Imvumelwano malunga nenkqubo yoKuqatshelwa kokuPhuculwa koMgangatho waMabanga eMfundo *(Recognition of Improved Qualifications (RIQ))* kubaqeshwa abaqeshwe ngokoMthetho weNkonzo kaRhulumente**

1. INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule 007/2019, yomhla we-29 Julayi 2019, imalunga noku.

2. Inkxaso ebonelelwayo ukwenzela izifundo zokuphucula umgangatho wamabanga emfundo igxininisa kubo bonke abaqeshwa beSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) abaqeshwe ngokoMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (ISibhengezo 103 sika-1994 *(Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994)*), kuqukwa nabo baphantsi kwe-*Occupation Specific Dispensation (OSD)*. Kupapashwa iibhasari zaqho ngonyaka zamacandelo akhethekileyo ezifundo ahambelana neemfuno zeSebe iWCED. Ezi bhasari zihlawulela iindleko ezipheleleyo zezifundo (*full cost of tuition*). Ukongeza kwezi bhasari, kwenziwe amalungiselelo oKuqatshelwa kwaMabanga eMfundo aPhuculweyo *(Improved Qualifications*) ngokweSigqibo i-*Public Service Coordinating Bargaining Council (PSCBC) Resolution No* 1 sika-2012, neSigqibo i-*General Public Service Sector Bargaining Council (GPSSBC) Resolution No*. 5 sika-2014 nangokweSetyhula ye-*Department of Public Service and Administration's (DPSA)Circular HRD* 3 ka-2015, yomhla we-14 Agasti 2015.

3. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe noku kulandelayo: iSigqibo *PSCBC Resolution No*. 1 sango-2012, iSigqibo *GPSSBC Resolution No*. 5 sango-2014 neSetyhula i-*DPSA Circular HRD 3* ka-2015, yomhla we-14 Agasti 2015.

4. NgokweSetyhula i-*DPSA Circular HRD* 3 yango-2015 yomhla we-14 Agasti 2015, umqeshwa onenjongo yokubhalisela ibanga lemfundo, othi akuliphumelela, anqwenele ukuqwalaselelwa ibhonasi eyimali, uya kuqala acele imvume kwiNtloko yeSebe yokubhalisela elo banga lemfundo.

5. Umqeshwa weSebe iWCED obhalisele ukuphucula amabanga emfundo akhe emva komhla wokuphunyezwa kweSigqibo i-*GPSSBC Resolution No*. 5 sika-2014 naphambi kokuba iSebe iWCED limisele iikhrayitheriya ezizezalo, anganako ukufaneleka afumane ibhonasi eyimali ngokuxhomekeke ekubeni ibanga lemfundo eliphunyelelweyo liyazifezekisa iikhrayitheriya ezivunywe liSebe iWCED yakuba ifumaneka. Kuya kusebenza imiqathango njengoko ichaziwe kumhlathi 5 weSigqibo i-*GPSSBC Resolution No*. 5 sika-2014. Nakuba kunjalo, lo mgqaliselo, uyaphelelwa ngowama-**30 Novemba 2023**, into ethetha ukuba umqeshwa makafake isicelo phambi kokuba aqalise ukuphucula umgangatho webanga lemfundo lakhe, afumane imvume yaye akuba ezigqibile izifundo zakhe, afake ubungqina ukwenzela ukuba afumane ibhonasi eyimali ngokungqinelana ne-*RIQ*.

6. Kuya kusebenza le nkqubo ilandelayo:

6.1 UMlawuli weCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule uya kuzithathela ingqalelo zonke izicelo ekubhekiswa kuzo kwimihlathi 4 no-5 apha ngentla. Izicelo ziya kwenziwa kwifom eyi-*RIQ application form*, esayinwe ngumqeshwa onenjongo yokufunda kunye nomphathi wecandelo *(immediate manager)*.

6.2 Iifom zezicelo zinokufunyanwa kwaba balandelayo yaye mazibuyiselwe kwakubo:
***Ms Patience Funani/Ms Buyiswa Mpama***
***Directorate: Strategic People Management***
***7th Floor, 1 North Wharf Square***
***2 Lower Loop Street***
***Foreshore***
***Cape Town***
***8001***

6.3 Isicelo ngasinye masihanjiswe nenkcazo ngekhosi yelo banga lemfundo liza kufundwa, inkcazo ngengqesho yomqeshwa neendleko zale khosi.

6.4 UMlawuli weCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule uya kunika inkcazo ebhaliweyo ngokuqhubekayo ingadlulanga inyanga enye ukususela kumhla wokungeniswa kwesicelo ngokubhekiselele ekubeni sivunyiwe na okanye sikhatyiwe isicelo eso. Ukuba asivunywanga isicelo, kuya kunikwa izizathu zokukhatywa kwaso.

7. Umqeshwa ofumana ibhasari exhaswa ngurhulumente, eyinxenye okanye epheleleyo, ukwenzela ukufumana ibanga lemfundo lomgangatho ophuculweyo, akayi kufaneleka ukufumana ibhonasi eyimali yakanye qwaba ekubhekiswa kuyo kumhlathi 5 olapha ngentla.

8. Ibhonasi eyimali inokuhlawulelwa ibanga lemfundo eliphunyelelweyo elinye qwaba kuphela (makufundwe umhlathi 6.7 weSigqibo i-*GPSSBC Resolution No.* 5 sika-2014).

9. Nakuba kunjalo, inkqubo ye-*RIQ* ecaciswe apha ngentla ayithathi ndawo ye-*Public Service Bursary Scheme* esikhoyo kwiSebe iWCED. Ezi ziinkqubo ezimbini ezahlukeneyo yaye amagosa anokuzuza kwenye yazo kuphela, oko kukuthi kwi-*Public Service Bursary Scheme* okanye kwi-*RIQ*.

10. ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule liya kuthathela ingqalelo kuphela izicelo ze-*RIQ* ezivunywe kwangaphambili.

11. Izicelo ze-*RIQ* zamkelwa ukususela ngo Septemba ukuya ku Oktobha kunyaka ngamnye. Izicelo ezifunyenwe lidlulile ixesha elimiselweyo aziyi kuqwalaselwa.

12. Nayiphi na imibuzo ngokumalunga noku inokubhekiswa kuNks Patience Funani kule nombolo yefoni: 021 467 2243 okanye nge-imeyili Patience.Funani@westercape.gov.za, okanye kuNks Buyiswa Mpama kule nombolo yefoni: 021 467 2550 okanye nge-imeyili apha: Buyiswa.Mpama@westerncape.gov.za.

13. Iya kuthakazelelwa into yokuba okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke abachaphazelekayo, ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-M CRONJE
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2023-10-06